Isalathiso: 20161118-6281
2/6/2
Imibuzo: KN Bydell

ISetyhula: 0041/2017
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela-Balawuli Jikelele, kuMlawuli oyiNtloko weZithili, kuBalawuli Bezithili, kuBaphathi Beesekethe, kwiiNtloko zezoLawulo noKuphatha, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaququzeleli bezoLawulo lwaBasebenzi, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula iyalela izikolo ziqhube ukuZivavanya kwaNgaphakathi kweZikolo nokuqinisekisa iziCwangciso zoPhuculo lweZikolo ezinazo zonke iingcombolo nezithembekileyo. Isikolo ngasinye kufuneka sisihlaziye ngokutsha isiCwangciso soPhuculo lweSikolo ukunika ithuba isikolo ukuba silinganise inkqubela yaso ngokuzivavanya rhoqo kwangaphakathi.*

Isihloko: UkuziVavanya kwaNgaphakathi kweSikolo neziCwangciso zoPhuculo lweZikolo

1. **Intshayelelo**

Iinkqubo zolawulo zaqho ngonyaka ezinjengokuZivavanya kwaNgaphakathi kweZikolo (*School Self-Evaluations*) (*SSEs*), iziCwangciso zoPhuculo lweZikolo (*School Improvement Plans (SIPs*), ukubhajetha nokunika iingxelo kuyafuneka kuzo zonke izikolo zikarhulumente elizweni ukufaka igalelo kumoya oxhobisa ngolwazi nokusebenza kwesikolo kakuhle (*Goal 21 - Action Plan to 2019: Towards Schooling 2030*).

2. **UkuZivavanya kwaNgaphakathi kweSikolo (*SSE*)**

2.1 Phambi kokuba kwenziwe ii-*SIP*, kubalulekile ukuba uluntu oluyinxenye yesikolo luqhube ii-*SSE* ngokungqinelana nomgaqo-nkqubo i-*National Policy on Whole School Evaluation* (*WSE*), epapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 22512 ye-26 Julayi 2001. Ngokomgaqo-nkqubo we-*WSE*, ugxininiso lusekubekeni esweni inkqubo

yangaphakathi (*SSE*), uvavanyo lwangaphandle (*WSE*) neenkonzo zokunika inkxaso eziqingqwe kakuhle.

2.2 I-*SSE* yinkqubo yokuqwalaselwa nzulu (*reflection*) luluntu oluyinxenye yesikolo kweenkqubo ezifanele ukucwangciswa ngobuchule nasekuhleni injongo ikukuphucula inkqubo yomfundi, inkqubo yokufundisa nokwenza isikolo sisebenze kakuhle. Le nkqubo iyilelwe ukunceda izikolo zenze umlinganiselo wokuba ziyizalisekisa kangakanani imisebenzi eluxanduva lwazo kwanokuphucula inkqubo yabafundi.

2.3 I-*SSE* mayikhokelwe ziinkalo ezisithoba ezibalulekileyo kuvavanyo njengoko kuqulathiweyo kumgaqo-nkqubo kazwelonke we-*WSE*. Izikolo zingangena kwiziko lewebhu leSebe leMfundo lukaZwelonke (*DBE*) apha http://www.education.gov.za ukukhuphela uxwebhu lwe-*SSE*.

2.4 Imigaqo esandula ukubhalwa eyi-*Standard Operating Procedures* (*SOPs*) yabaphathi beesekethe inika isikhokelo sokunika inkxaso iinqununu.

3. IsiCwangciso soPhuhliso lweSikolo (*SIP*)

3.1 Esona siphumo kujoliswe kuso sayo yonke imisebenzi yesikolo yimpumelelo ephuculiweyo yabafundi. Ii-SIP eziqulathe ingcombolo eninzi zibonisa iindlela iimfuno ezo ziqwalaselweyo eziya kuphuculwa ngayo ngokupheleleyo.

3.2 Izikolo kufuneka zisebenzise iziphumo zenkqubo ye-*SSE* neeMvavanyo zeNkqubo yeMfundo yePhondo/iiMvavanyo zikaZwelonke/iiripoti zokuqwalasela iingxaki zeemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nengcaciso yezophuhliso lootitshala esuka kwiinkqubo ze-*Integrated Quality Management System* (*IQMS*) ukunika iprayorithi imisebenzi yophuculo lwenkqubo ukwenzela ukuba ifakwe kwii-*SIP*.

3.3 Ii-*SIP* ezisekhompyutheni mazingeniswe qho ngonyaka ekupheleni kukaJanuwari. I-*SIP* yephondo ye-*WCED* ibandakanya icandelo lokuphuculwa kwenkqubo yokufunda kwakunye neempawu eziyimfuneko ezinika inkxaso uphuculo lwezikolo ngenjongo yokuphucula ekuphenduleni ngokwenzayo nakwiziphumo zezifundo ezisemgangathweni.

Izikolo mazenze ii-*SIP* zibe zizahluko ezibini:

- ICandelo A: Ungenelelo ngoncedo olukhokelela kwinkqubo yabafundi ephuculiweyo.
- ICandelo B: Ukumiselwa kwethagethi emva kokuba iziphumo zezifundo zazisiwe

3.4 Ii-*SIP* mazisayinwe yinqununu nomphathi wesekethe kwakunye nosihlalo webhunga lolawulo. Ziya kuthi emva koko zisetyenziselwe ukuba zidityaniswe kwisicwangciso i-*District Improvement Plan*.

4. **Umsebenzi oluxanduva wesikolo**

Igunya lokulawulwa ngobuchule kwesikolo lusemagxeni enqununu incediswa libhunga lolawulo. Iinqununu maziqinisekise ukuba le misebenzi ilandelayo yenziwa igqitywe:

- Ukuqhuba ii-*SSE* qho ngonyaka
- Ukuqhuba ii-*SIP* ezithembekileyo
- Ukusetyenziswa kwee-*SIP*
- Nokuripota ngenkqubela yokusetyenziswa kwee-*SIP*

5. **Umsebenzi oluxanduva we-ofisi yesithili**

Ii-ofisi zezithili zinenxaxheba enkulu emaziyidlale ekunikeni inkxaso izikolo zikwazi ukufezekisa iziphumo zemfundo (ngokwe-*Policy on the Organisation, Roles and Responsibilities of Education Districts*, ezipapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 36324 yowe-03 Apreli 2013). Le misebenzi iluxanduva ibandakanya:

- abaphathi beesekethe abanika inkxaso izikolo ukwenza ii-*SSE*;
- ukuvunywa kokwamkelwa kweeripoti zee-*SSE* ngabaphathi beesekethe;
- ukunika imvume yokuba ii-*SIP* zisetyenziswe;
- ukunika inkxaso ekwenzeni imisebenzi echazwe kwi-*SIP*; kunye
- nokubeka esweni inkqubela yokusetyenziswa kwee-*SIP*.

6. Fumana kuqhotyoshelwe apha kule setyhula uShwankathelo ngoBuchule (*Strategic Overview*) lwee-*SSE* nee-*SIP*.

7. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-10-14

ANNEXURE A

STRATEGIC OVERVIEW OF SCHOOL SELF-EVALUATIONS AND SCHOOL IMPROVEMENT PLANS